

Isihloko: Amanyathelo afunekayo enkqubo yenkundla yamanye amalungu e-EPPF

Othandekayo Isibizo Igama Nefani

Nceda uqaphele: Ukuba sele uyile kwiSeshoni yokuVumela kwaye/okanye ungenise amaxwebhu akho, akukho nyathelo longezelelekileyo elifunekayo kuwe.

Umenyiwe kwintlanganiso ekwi-intanethi apho siza kuchaza khona ukuba kutheni inkxaso yakho ifuneka kwinkqubo yenkundla ye-EPPF. Siqhuba olu qheliselo ukuze ubulungu bakho be-EPPF bube yinto eqhelekileyo.

Ungaya nakweyiphi na iseshoni edweliswe ngezantsi ngexesha elikulungeleyo:

Insert meeting dates:

Ukuze sikuncede uqonde kakuhle le nkqubo, nanku umongo wayo.

Sizimisele ukwenza into elungileyo, ngamaxesha onke

Ngo-2025, i-EPPF ibhiyozele unyaka wama-75 wokwenza ngako konke esinako ukuze sincede wena, usapho lwakho noluntu ngokubanzi. Ngenkxaso yawo onke amalungu ethu, angundoqo wento esiyenzayo, i-EPPF ikhule yaba yiNgxowa-mali egxile kumalungu kwaye kuyinyhweba kuthi ukusebenzela abantu. Ngenxa yenkxaso yakho, sikhule saba ngumniki-nkonzo wezibonelelo zomhlalaphantsi onempahla elawulwayo engaphezulu kwe-R250 bhiliyoni. Kwaye ngenxa yokuzinikela kwethu ekukhathaleleni, siyakwazi ukunyamekela ikamva lamalungu ethu ukuze angaxhalabi ngekamva. Inxalenye yesi sithembiso sokukhathalela ithetha ukuba siza kuhlala sisenza into elungileyo.

Siyazi ukuba kufuneka sihlale sithembekile kubo bonke abachaphazelekayo, ingakumbi amalungu ethu. Omnye wemicleli mngeni yethu emikhulu kutshanje yayikukubuyisela

intembelo emva komcimbi wemali yomhlala phantsi ephathelele owayesakuba yi-CEO ye-Eskom uMnu. Brian Molefe.

Nanku umongo obalulekileyo kuwe obuyela kumhlalaphantsi kaMnu. Molefe

Ngowama-2017, kwabakho inyathelo lenkundla lokubhengeza isigqibo seBhodi ye-Eskom sokuvuma intlawulo yomhlalaphantsi yomphathi we-Eskom wangaphambili njengengasebenziyo. Kwavela umba wokuba uMnu. Molefe wayevunyelwe ukuba lilungu leNgxowa-mali, nangona ngelo xesha wayeqeshwe kwikhontrakthi yexesha elimiselweyo ngu-Eskom. Imithetho yethu yeNgxowa-mali ithi ngabasebenzi abaqeshwe ngokusigxina kuphela kubaqeshi abathatha inxaxheba abafanelekileyo ukuba ngamalungu. Ungafunda izinto zakutshanje ngalo mba wasenkundleni [ngokucofa le linki](#) iza kusa kwinqaku elikwiwebhsayithi yethu.

Indlela esiqinisekisa ngayo ukuba senza into elungileyo

Njengenxalenye yokuzibophelela kwethu ekufundeni, i-EPPF yenze umsebenzi wokuqinisekisa ukuba onke amalungu ethu ayeqeshwe ngokusisigxina na ngexesha lokujoyina kwabo iNgxowa-mali. Sisebenzisane ne-Eskom SOC Ltd kunye ne-Eskom Rotek Industries ukuze sifumane izivumelwano zakho zomsebenzi, okanye nayiphi na enye inkcazelo yomqeshi ebonisa ukuba ubuqeshwe ngokusisigxina xa ujoyina iNgxowa-mali. Sichonge kwaye siqinisekisile imeko yengqesho yamalungu apho iingxelo zengqesho zinokufunyanwa khona. Siyavuya ukuxela ukuba sihlolisise ngaphezulu kwesiqingatha seengxelo zamalungu ethu kwaye siqinisekisile ukuba ngamalungu kwabo kwi-EPPF kuhlala kuhleli kwaye buhambelana neMithetho yethu yeNgxowa-mali. Ngoku silungiselela inyathelo lokugqibela lenkqubo ukuze onke amalungu ethu athathwe njengafanelekileyo ngokupheleleyo ukuba yinxalenye ye-EPPF.

Izibonelelo zamalungu ziya kuqhubeka zihlawulwa kodwa kufuneka siqinisekise inkcazelo

Kukho amalungu athile, ekusenokwenzeka ukuba ayekwihlabathi lomsebenzi kwiminyaka emininzi eyadlulayo, ekufuneka aqinisekiswa iingxelo zawo zomsebenzi. Kulapho ke inyathelo lokugqibela lenkqubo yethu yenkundla lingena khona ukuqinisekisa ukuba lilungu lomntu wonke kwi-EPPF buhlala buhleli. **Uphakathi kwamalungu angekaqinisekiswa imeko yawo yokusebenza. Akukho mfuneko yokukhathazeka njengoko izibonelelo zakho ziya kuqhubeka zihlawulwa. Kodwa esikufunayo kukuba usixelele ukuba unazo na iingxelo zomsebenzi wakho.** Ukuba wenza njalo, siza kuzisebenzisa ukuze ukuba lilungu kwakho kwi-EPPF kuhlale kuqhelekile. Ukuba awunazo iingxelo, loo nto ayiyongxaki. Okufuneka ukwenze kukugcwalisa ifomu ukuze usazise ngokusesikweni ngale nto. Igama lakho liya kufakwa kuluhlu lwabantu abangenazo iingxelo zengqesho zangaphambili. Olu luhlu luza kunikezelwa njengenxalenye yesicelo senkundla se-EPPF somyalelo wenkundla. Lo myalelo uya kwenza ukuba lilungu lakho kwi-EPPF bube yinto eqhelekileyo.

Nazi izinto omele uzazi noko umele ukwenze:

1. **I-EPPF isebenzisa indlela ethatha izigaba ngezigaba, ngoko ke siza kujongana namaphondo athile ngexesha. NgoMatshi 2026, siza kufikelela kumalungu aseBelville, eGeorge, eMonti, naseGqeberha ngokukodwa.** Kuza kuqhagamshelwana namalungu akweminye imimandla ngokufanelekileyo kwiinyanga ezizayo kodwa amkelekile ukulungiselela amaxwebhu awo okwangoku.

Amalungu achaphazelekayo aza kufumana i-imeyile okanye i-SMS evela kwi-EPPF malunga nombala womyalelo wenkundla. I-EPPF iza kufowunela amalungu achaphazelekayo ngokuthe ngqo ukuze ithethe nawo ngalo mba.

Amalungu achaphazelekileyo kufuneka asithumele **ELIINYE** lala maxwebhu alandelayo aqinisekisa ingqesho:

- Ileta yengqesho.
- Isivumelwano somsebenzi.
- Ileta yosikhundla okuso.

-Ileta yesibonelelo ebonisa umhla owucingayo wokuqala.

-Ikhadi lomrholo.

Ukuba awunayo ikopi yalo naliphi kula maphepha engqesho angentla, kufuneka usithumele **nawaphi amaxwebhu amabini** alandelayo aqinisekisa imo yakho yengqesho ngomhla ongena ngawo kwiNgxowa-mali:

- Nayiphi na ileta yokusebenza iminyaka emininzi.
- Nayiphi na ileta yokutshintshela umsebenzi ebonisa umhla wokuqala kwakho nomqeshi wakho (wangaphambili).
- Ipayislip ebonisa umhla wokuqala kwakho nomqeshi wakho (wangaphambili).

2. La maxwebhu amele athunyelwe nge-imeyili ku_declare@eppf.co.za ingekadluli **i-31 kaMarch 2026** kunye nenombolo yerefrensi yomhlalaphantsi okanye inombolo yomqeshwa.

3. **Ukuba awunayo nayiphi na inkcazelo efunekayo, akukho mfuneko yokukhathazeka. Nceda uqiniseke ukuba izibonelelo zakho zomhlalaphantsi zikhuselekile kwaye ziya kuqhubeka nokuhlalulwa njengesiqhelo.** Okufuneka ukwenze kukugcwalisa le fomu ihamba nolu xwebhu uze uyithumele kuthi, kunye nekopi ecacileyo neqinisekisiweyo yesazisi sakho (macala omabini ukuba i-ID yakho likhadi). Ungathumela nge-imeyili ifomu egcwalisiweyo kunye nekopi ye-ID yakho ku_declare@eppf.co.za. Ukuba ugqwalisa ifomu ekwi-intanethi, ungacofa kule linki ikusa [kwifomu ekwi-intanethi](#). Isicelo siya kufakwa enkundleni size sithunyelwe kuwe. Uxwebhu oza kulunikwa unokulufumana kuNothimba okanye ngeimeyili evela kumagqwetha e-EPPF (Norton Rose Fullbright.) Akukho mfuneko yokukhathazeka xa ufumana isicelo senkundla njengoko eli nyathelo lokukunika amaphepha liyinxalenye yenkqubo yenkundla. Akukho nyathelo lifunekayo kuwe ngaphandle kokwamkela amaphepha oza kunikwa wona.

4. Nje ukuba ityala lifakwe enkundleni, iNgxowa-mali iza kufaka isicelo somhla wenkundla ukuze ityala lithethwe phambi kwejaji. Uza kwaziswa ngomhla inkundla eza kunika ngawo iNgxowa-mali ukuba ityala lithethwe. Akunyanzelekanga ukuba ubekho kwingxoxo yenkundla kuba umcimbi uza kugqityezelwa sithi egameni lakho. Siza kukwazisa nangesigqibo senkundla kwisicelo sethu nge-imeyile okanye umyalezo obhaliweyo.
5. Emva koko siya kukwazi ukuhlaziya ngokusesikweni iingxelo zethu ukuze zibonise ukuba ulilungu elifanelekileyo leNgxowa-mali.
6. Ebudeni bayo yonke le nkqubo, ayizukuchaphazeleka kwaphela inzuzo yakho kwaye uza kuqhubeka uyifumana.

Siza kuba neeseshoni zokwazisa ubuso ngobuso ukuba unemibuzo. Kwezi seshoni, kuza kuqhagamshelanwa nawe ngqo yiNgoxwamali nge-imeyile okanye nge-SMS.

Nceda ufunde [Imibuzo Edla Ngokubuzwa](#) ukuze uncedwe ekuqondeni oku.

Ukuba unemibuzo ofuna iphendulwe nangaliphi na ixesha, ungaqhagamshelana ne-EPPF. Abalawuli Bethu Bezomthetho bafumaneka ngeimeyili ethi declare@eppf.co.za. Ungatsalela umnxeba kumnxeba wasimahla we-EPPF Declarator: 0800 079 672.

Ozithobileyo

Iqela le-EPPF